Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# ISIGABA ESIPHEZULU

# IBANGA LESI -9

# EYENKANGA 2017

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2
# MEMORANDAM

**AMANQAKU: 50**

Le memorandam inamaphepha ama-6.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA

### UMBUZO 1

1.1 Ngumsebenzi wokulinganisa √ (1)

1.2 Waswelekelwa ngumama wakhe eneminyaka emine √ kukuswelekelwa ngumakhulu wakhe √ (2)

1.3 Asiyonyani. Waye wazimisela wafunda waphumelela √√

(Xa umfundi enike asiyonyani kuphela asimniki nqaku kufuneka azixhase ngokusemxholweni ukuze afumane amanqaku akhe) (2)

1.4 Kulindeleke umfundi anike uluvo lwakhe. Omnye angathi angazimisela afunde aziphangelele kanti omnye angathi akanakumelana nemeko √√

(Nayiphi impendulo esemxholweni anokuza nayo umfundi iyakwamkeleka) (2)

1.5 Kukuzimisela kwizifundo zakhe √ / ukuqinisekisa ukuba ufumana amanqaku amahle √ (1)

1.6 KwiYunivesithi yaseWits √ (1)

1.7 Lwalwela ukufundiswa ngolwimi lwesiBhulu ezikolweni √√ (2)

1.8 Zange azihoye xa zazimxelela ukuba kunzima ukufumana umsebenzi wokulinganisa √ (1)

1.9 Scandall √ /Isithunzi √ /MTV √/ Saints and Sinners √ (enye yazo yamkelekile) (1)

1.10 Kuyamdika √ (1)

1.11 Imini ibixakekile √√/ ibinzima √√/ ibingekho lula √√ (2)

1.12 Impendulo ixhomekeke kumfundi. Umfundi angathi ufunde ukuba angazisizeli ngemeko akuyo √√/ umntu makabe neenjongo ngobomi √√/ impumelelo yakho ixhomekeke kuwe √√
[Nayiphi impendulo enokuza nomfundi esemxholweni iya kwamkeleka.] (2)

1.13 Abantu abatsha √/ Abafana ababini kunye nentombi √ (1)

1.14 Bonwabile √ kuba bancumile √ (2)

1.15 Zithetha ngabantu abatsha abaphumeleleyo √√ (2)

1.16 Zahluke ngokuba kwisicatshulwa A kuthethwa ngenenekazi ze kwisicatshulwa B kuboniswe abafana nenekazi √√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 25**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Isishwankathelo masikorekishwe ngolu hlobo lulandelayo:

- **Ulwabiwo – lwamanqaku**
    - Amanqaku asi- 7 ngeengongoma ezisi- 7
    - Amanqaku ama- 3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzisa amazwi abo:**
    - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1
    - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama -2
    - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama -3

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphule:**

    - 1–3 amanqaku acatshulweyo nama 3- ukuya - 4 amanqaku anikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika amanqaku ama - 3
    - 4–5 amanqaku acatshulweyo nama- 3 ukuya – 2 anikwe ngumlingwa ngamazwi akhe. Nika amanqaku ama-2.
    - 6 amanqaku acatshulweyo nenqaku elinye elinikwe ngumlingwa ngamazwe akhe: Nika inqaku eli -1
    - 7 amanqaku acatshulweyo: Akukho manqaku anikwayo.

### QAPHELA

- **Imo**:
  **Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe**. (Umhlathi okanye iingongoma)
- **Ubalo – magama**
    - Abavavanyi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama – 5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

| | UCAPHULO | IINGONGOMA |
|---|---|---|
| 1. | Umntwana onembeko liphupha laye nawuphi umzali. | Wonke umzali unomnqweno wokuba nomntwana onembeko. |
| 2. | Kuluxanduva lomzali ukumnika ukuzithemba nokuziqonda ukuze akwenze oko umntwana ngaphandle kokungena engxakini. | Umzali kumele adlale indima yokumbonisa indlela umntwana akwazi ukukhula akwazi okungalunganga. |
| 3. | Abazali baye basebenzise iqhinga ngokuthi babanyobe abantwana xa befuna ukuba benze into umzekelo ukutya nemifuno. Iingcali zobuzali ziyalumkisa ngezinyobo. | Abazali basebenzisa iindlela eziye zingahlali ithuba elide ukwenza abantwana benze oko bangakuthandiyo. |
| 4. | Akhona ke amaxesha okusebenzisa isinyobo kuba ufuna enze okulungileyo kusebenze.Kodwa kumele kwenziwe ngendlela. Yicacise ngqo le nto ufuna yenziwe ngumntwana. Imbuyekezo akunyanzelekanga ibe yimali. | Ngamanye amathuba ukuthenga umntwana wakho kuyalunga ukuba ufuna enze okulungileyo kodwa kufuneka ukwenze ngendlela |
| 5. | Ungaze uyoxuthe imbuyekezo ukuba umntwana akenzi okuhle. Mvuze rhoqo xa esenza okuhle. Musa ukumvuza kube kanye uze ulibale ukuqhubekeka. | Sukuyiyekisa intlawulo xa umntwana engenzi okuhle, sigcine isithembiso usenze ngamaxesha onke. |
| 6 | Uswazi aluyiyo impendulo xa umntwana engenzi kakuhle. Uphando luthi ukumbetha umntwana kumenza abe neengcwangu, angeva kwaye angabathandi abantu ingakumbi xa sele emdala | Ukumbetha umntwana xa engenzi okuhle kuneziphumo ezibi xa sele emdala. |
| 7. | Xa kusiziwa kubuzali noqeqesho, eyona njongo iphambili kukuba wakhe ubudlelane bentlonipho banaphakade nabantwana bakho. Umzali kumele ayinanze iminyaka yomntwana nokukhula kwakhe. | Eyona njongo iphambili xa uqeqesha umntwana kukwakha ubuhlobo bokuthobelana nomntwana wakho. |

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

3.1 Isihloko sephephandaba √ (1)

3.2 Atsala umdla wabantu √ (1)

3.3 Ukothuka/ukumangaliswa √√ (2)

3.4 D / Ukothuka nokukhathazeka √ (1)

3.5 Ewe. Abantu baza koyika kuba bakufunyanwa nabo baza kubulawa √√
Hayi. Ayisiso isisombululo kuba umntu obulala omnye umntu naye kufanele abulawe/ imithetho elishumi ithi uze ungabulali.
(asimniki nqaku umfundi xa engazixhasanga).
Naluphi uluvo olusemxholweni luya kwamkeleka √√ (2)

3.6 Inokuba ngabo aba babulala abantwana √√/ ngabo abenzi bobubi √√
(uluvo olusemxholweni luya kwamkeleka.) (2)

3.7 Ilungelo lokuphila √√ (2)

3.8 Isolezwe √ (1)

3.9 Mfuraz √ (1)
**[13]**

### UMBUZO 4

4.1 Amashumi amabini ananye √√ (2)

4.2 Lula √ ikhaphu-khaphu √ (1)

4.3 UMahlatse uthi √ u √ chitha ixesha lakhe √ namandla kwiBallet. (3)

4.4 4.4.1 Imidaniso √ / umdanisi √ (1)

4.4.2 Ihlelo 4 (imidaniso) √/ ihlelo 1(umdanisi) √ (1)

4.4.3 U- Iceba, √ -m- isisekelo √ -danis- ingcambu √- o isigqibelo √ (4)

4.5 Ubhalisela √ iklasi yayo. (1)

4.6 -ana- Isinciphiso √/ ubuncinci ngokuzalwa √ (1)
**[14]**

## UMBUZO 5

5.1 D √ (1)

5.2 A √ (1)

5.3 E √ (1)

5.4 B √ (1)

5.5 C √ (1)
**[5]**

## UMBUZO 6

6.1 Ekhaya babeyiqonda kakuhle le nto. √ (1)

6.2 Isibizo siza emva kwesimelabizo sokwalatha / sokukhomba / salathisi/ isikhombisi √√ (2)

6.3 Ukuzincama √√ / Ukuzinikela √√ / Ukuzimisela √√ (2)

6.4 Abantu √ mabangenzi intlekisa √ ngabantu ngelo xesha √ banezabo izinto. (3)
**[8]**

**AMANQAKU ECANDELO B (40÷2): 20**
**AMANQAKU EWONKE: 50**